

Imvo Zabantsundu.

(NATIVE OPINION.)

IXABISO 3d.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories
KINGWILLIAMSTOWN, NGOLWESI-NE, MARCH 7, 1889.

[No. 225

VOTANI U- BLAINE!

VOTANI U- BLAINE!

OWAYEKADE enimele e Palamente.
OKUTANDAYO ukufundiswa kwa Bantsundu.
OKUTANDAYO ukubulawa kwe Rafu ye zindlu (Hut-Tax).
OKUTANDAYO okokuba kumiswe i Rafu yotywala enzima.
OWATI ngemihla yangapambili wazibonakalalisa engu Mhlobo wa Bantsundu.

Ze niwukumbule umhla woku VOTA lolwe Sibini ngowe 12th
kule Imiyo.

Niye kuvota kwindawo zokuvota

NIVOTE U BLAINE

John J. Irvine & Co.

KI NG WILLI AMSTOWN.

ISUTI zamadoda ze Stofu—12s 6d, 14s, 16s, 18s, 20s
IBHATYI „ „—5s, 6s 9d, 8s 9d, 10s 6d, 12s 9d
I-Bhulukwe „ „—4s, 4s 6d, 5s 6d, 6s 6d to 15s
Imitika emnyama (yokutshata)—12s 6d, 15s 9d, 17s 9d
Ibhulukwe zamadoda ezingwevu (zokutshata)—16s 9d to 18s
9d.
Ihempe zamadoda zomsebenzi—10d, is, Is 3d, Is 6d, 2s
Ihempe ze fulaneli—i\$ 6d, Is 9d, 2s, 2s 6d
Ihempe zamadoda ezihayinishwayo—2s 6d, 2s lid, 3s 6

KUKO i Bhulukwe ze kodi ezitile (ezona
zohlobo)
7s. 6d.

Intlobo ezintsha zetyali (esazulwini apa azinamabala, koko
kupela asemqokumbelweni). Zisukela ku 4s 6d
zise kwi ponti.

iprinti ezisand'ukufika—3d, 4d, 5d, 6d, 7d nge yadi
Ikaliko—2d, 3d, 4d, 5d, 6d nge yadi
Ilinzi—4d, 5d, 5d, 6d nge yadi
Izitofu ezibugqi—6d, 7d, 9d nge yadi

Lo ndlu ingentla, yeyona impahla itshipu,
nenempahla epilileyo.

JOHN J. IRVINE & CO.,

U-

ALUVENI.

BUZANI

Kwi venkile zangapandle enilunge nazo Impahla engaba ziyitenge

KWA J.P. JAMESON & Co,
e QONCE (King williams town),

Ezinjengo zi Blankete, Amabhayi, Ingubo zokunxiba,
Izihlangu, Ihempe, ne Qhiya.

UNGAMLIBALI

J. P. Jameson & Co.

Kuba ingubo zabo zitshipu zilungile.

Intlanganiso Yesiko
Lokunguluki.

(The Birt's Mem. A. C. Association)

OLU manyano nge lisiko lacelwe ngu mfundisi naba
Database Rwarwa ukuba laqale intlanganiso ye lisiko
kona nge 3rd April. Yongena ego 10 kusasa. Sovula
ukuhlangana kona nabavelana nati ukucita elisiko
limdaka.
A. H. MAGI, Hon- Secretary. Peelton, 3 Feb.,
1889. 3i7t21

KUFUNWA.

INKWENKWE yokuqhuba ihashe elinye libotshiwe
—Engaseliyo, nenganiyo ukusebenza. Ofunayo
makabhekise kwangoku ku Mr William Hay.

ISAZISO SE DOLOPU.

No- 34.

Kuye wonke Okatalayo.

LANDLU ikwa Mnyazi kwicala elingase
Mpumalanga kweka Maclean ekubeni
ingahlalwa mntu, i Bhunga le Dolopo liya zisa
okokuba ukuba akubangako mntu uvelayo ayibange,
aze ahlawule irafu zayo kwanendleko zokwazisa kwi
veki ezintandatu kususela kolusuku lungezamsi, iya
kutengiswa kublawulwe lomatyala-

L. J. PIRIE,
Town Clerk.

King williamstown,
5 March, 1889. 5i7t44

Bonisani! Bonisani!

NDICELA amehlo ngehashe lam elalahleka
ngomhla 35 ka November, 1888.

Limfusa, limpemu, amangina agasemva amhlope
mabini ngapambili linye, lelase kohlo. Emva komkono
wase Kunene kuko ibala elimhlope elibukudlwana.
Linopawu kule ndlebe yase kohlo. Emilenzeni
linendawo eman'ukudubulka. Lidlala kakulu xa
likwelweyo.

Elesibini limtuqwa lirebala elimhlope emva
komkono kumacala omabini, angati mhlumbi
angabonakali xa kubekwe ishli. Lomabala alungelene
nezindawo kufakwa izitibili kuzo. Linentsimbi
amangina omane, isingci asiside kakulu.
Ondilandisileyo ndomvuza.

B MABANDLA.

c/o Rev. E Makiwane,

Macfarlane,

Alice.

Ikaya Lendwendwe.

SIYAZI8A ukuba "Ikaya" sisaliginile apa e-
Komani, Amagumbi, nezitale, nentlalo yonke ilungile
kakulu, ezantsi kwe Marike.

R. T. NUKUNA & CO,
Calderwood Street, Queenstown.

ABABHUBHILHYO.

BROWNLEE.—Sibikela ikowetu ilintsu.
ndu ukuba e- Bekesdolopo ngomhla wesibini ka
March. Kwatandeka ku Sozimfesane uku godusela
pezulu intombi yetu yesibini u- AGNES FRANCES
BROWNLEE, eyati xa igodukayo, yatakazeta, ngeliti,
uxolo. Uxolo olufezekileyo Isono sigwetyiwe. ' u.
Satana woyisiwe. UKUPUMLA, UTANDO, ! IKAYA.
3i330

BAKER, BAKER & Co.

Impahla Entsha ifika iveki zonke

KUSAND'UKUFIKA

Into eninzi yempahla elungi- leyo Nakwabantsundu.

Iilungele elixesha langoku — amaxabiso apantsi.

Isuti ze Twidi, Ibhathi ezinkulu,
Ibhulukwe, Ihempe, Izihlangu,

NJALO, NJALO,

INTLOBO EZI NINZI ZEZONTO.

Kaniye, nibone Impahla entsha
eyanekeziweyo ngo

BAKER, BAKER & Co

EQONCE.

EVANS & CO.

(Kulandlu ibi no NGOMTI).

Abangenisi be mpahlaya-Pesheya

Banayo yonue impahla efunwa nga Ba-Ntsundu umntu
uziketela Kwinto eninzi yazo.

Ngabatengi bo Boya, Izikumba, no Kudla,
njalo, njalo.

E Marikeni, Kingwilliamstown.,

Iveki.

U WILLIAM LUDDYTT obesebenza kwa Blaine & Co., utshe e Bhai, wafa. Ubepete ibhotile ye parafine ngase mlilweni, suka yadabula yamthsha.

INTLANGANISO jama Wesile yase Mbo, itume u Rev. Wm. Sigenu kwi Conference yase Bhai. Akuvakali ukuba kuko igosa elitanyelweyo.

UMBONISO wase Bhai uya kuba ngolwesi Tatu nangolwesi-Ne Iweveki ezayo.

U MR. STRYDOM, ongumdikoni we Bandla lama Bhula e Bloemfontein, ute esihla enqweleni nge desselbom, watyibilika, yamnyetola, wafa.

LEVOTI yelungu eliza kutabata indawo ka Nkanunu kwindla ye Ngwevu, abantu elunge nabo kambe ngaba kule mimandla. — Imimandla enyula ne Qonce, i Monti, Imimandla enyula no Komani, Imimandla yase Dordrecht, bonke abapetwe zimantyi ezipantsi ko Blayi; bonke abapetwe zimantyi ezipantsi ko Meja; bonke abapetwe zimantyi ezipantsi ko Ndabeni; Alilwal North ne Herschel.

KUVOTWA kuzo zonke ezindawo ngolwesi- Bini Iweveki ezayo (12 March).

AMADODA apambi komzi ngo Mr. Geo. Blaine, Mr. Geo. Gray, no Mr. E. Hughes.

INDODA kulamatatu esiyiqondayo tina ukuba izimvo zayo zinokuteni wa siti bantsundu ngu Yuzi. Esiyakuvuya epumelele.

U MR. ARNOLD WHITE, inene elihamba likangelela indawo imbedlelengase England indawo yokuma kweli, ute ebekwele ehasseni e Tennyson Settlement ngase Doloro, wawa wapuka ingalo yokunene.

E ADELAIDE (Kobonqaba), ubholsiki ubulele isitoba senkabi ezibe zivela e Monti.

KUKUTSHWE isaziso sakwa Rulumeni ukuba Umnto we Bhula uya kuqala ukubanjiswa ngo 1 April, kwimimandla yase Kokstad, Matatiele, nase Mzimkulu.

ELINYE lamihase abisibho aqeqeshiweyo ka Mr. Frank Fillis we Circus, abavela e England ngomkombe, lifele endleleni. Lalimlel 1,000.

INTWAZANA ebilinda emasimini e Dube, ngase Xesi, ilunye yinyoka elide epempeni nge Sabata engapaya, lite lijika ilanga yayibhubha.

INKONZO zokuvulwa kwetyalike entsha yase Machbeni, eba Tenjini, ziqala nge Sabata ezayo, 10 March. Ngo-Mvulo, 11 March, yintlanganiso. Izizwe zikangelwe ukubako.

PEPA lase Komani liki u Mr. Theophilus Bhepstone ukutshiwe ngu Nkosi Umbandine ekubeni ngumpati micimbi yombuso wase Swazini. U Mr. S. akavumi ukupuma, uti makutshwe ngumzi.

UM'BULALI ka de Beer ubuye wabanjwa e Prince Albert. Kusabanjwe lalinye iko. nxwa kwiqela apa esasixele ngokubakala kwalo.

Kwi Malike yase Qonce, ngo Mgqibelo, inkabi ebez zizitengisa ziqale kwi £2 18s. zakuma nge £4; amatokazi adle £3; zaye imazi zihamba kwi £2 10s. de zive kwi £2 16s.

E NEWBURY, kwelma ma Ngesi, lide lalidubula ihashe lalo ifama ngokuti kubonakale ukuba lipefumla nzima. Liti lakufa kufu. nyanwe ukuba lonto ibangwa lisele elingene ngempumlo.

KUKO isifo somqala esinyhatayo e Vryburg ebeke enjenjalo e Cradock. Kutiva yi "Diphtheria." Kumzi wafana elingu Fick simke nesitoba kwintsapo eli shumi linantatu. Elinye ifama elingu Fouche, lite lakukov' ukunchwaba isixenxe sabantwana loyiseka nalo seso sifo, lafa.

I TRENI yase Kapa ebivela e Kimberley ngo Mgqibelo ongapaya inyatele isipani snqelwo ngapaya kwe Bhoobhola, ifika ikauzelele iliza ekusiteleni; iti isiti nqwakanqwa naso ayisena kunqunyanyiswa. Kwenzakele ishumi linambini, ezinye zashunqulwa indawandawana.

UMPANGA wentombi yesibini ka Hon. C. Brownlee ebhubhe ngo Mgqibelo, e Burghersdorp, yangcwatya e Qonce nge Cawa, uya kuviwa ngosizi ngabahlobo abaninzi belo nene, abaya kumkuzi ngokunye nentsapo yake ngentliziyo ezibuhlungu.

E DERBYSHIRE, kwelama Ngesi ke " kwabizwa amagama" amadoda anabini, kodwa inkuzana yona inye. Ili yakubuzwa intokazi ayisilifuni isoka ebilitemise tanci Kubhekiswe kumfundisi owabizayo amagama, asuke ati akukabiko nto yonakeleyo yozitkela intombi mhla kujikwa iqina ngemini yomthsho.

KUKO umfo obulewe kuhlatywa ngameva elunyaweni e Nxuba.

OMNYE wabaya bafu babini babegqoboze ibank yase Beaconsfield, kwabanjwa wamnye omnye wabaleka, ubanjwe e Bloomfontein.

SIVA ukuba umboniso wase Cala awusakubako nonyaka. Abalungiseleli bawo; benqena ukuriquula, abantu into isaqalwa. Ngati bahlable bekangele.

U MR. JOHN ALTENKIRK umlungu wevenkile wase Ngqamake, usentangeni ulindiselwe Ijaji kuba kusitwa ubulele nmafazi wake ambete wafa selesendleleni xa ebesabela kumzi ka Mr. Budge.

INE kunene kwelama Betschwaua.

1888, ngamashumi amabini anesitandatu kupela abekwi sebe lemfundo yokutunga nokusizila Elinani lincinane, kuba ezonto zesebe lomsebenzi zezona aya kusebenzisa zona amantombazana ezindlwini. Xa sitshoyo asiyideli imfundo yencwadi, kodwa kokona iya kumhlala kakuhle oyifumeneyo, xa ete wabaluleka kwimfundo yemisebenzi, neyokwenziwa mmandi kwentlalo yendlu.

IMVUZO yamadoda apete umsebenzi wakwa Rulumeni, anjengo mantyi namanye izakunyuswa, lomcimbi uyaknqunjelwa yi Palamente yakuhlangana.

KUTI ngabusukwazana butile e Maritzburg kubonwe ngomfundisi wase Roma edutyulwa sihange xa avela etyalikeni. Kutyp' ukuba aposwe. Isigebenga siwazimele amadindala. Asaziwa isizekaban.

UMBHASHE ubuzele kuleveli ipelileyo kangangokuba ingabi nakuwela ngexa layo iposi.

AMAPEPA ase Natal avakalisa ukuba u Mr. Cleopas Kunene ukululwe kumteto wabamnyama. Opantsi komteto wabamnyama unyanzelekile ukuba amtenge umfazi.

IBHUNGA elipete umzi wase Somerset ligqibe kwelokuba ubiye umda owahlule umhlaba waleyo dolophu nefama ka Ngudu (Mr. Niekerk.)

KUYAKUBANZTMA kwintshayi nonyaka. Ngenxa yokungalingi kwesivuno secuba Transvaal nase Transkei, liyakunqaba elogqabi, linyuke ixabiso ngapezu koko:

U REV. J. W. FARADAY wase Somerset unduluku ngoln lwesi-Hlanu ukubuyela e Ngilani ngenx'enokungapili kwenkosikazi yake. Yoke ibanjwe ngu Rev. H. M. Withers indawo yake dekuhlangane i Con ference yase Bhayi.

IBHUNGA lesiqingata sase Somerset ligqibe kwelokuba irafu yezinja ibeyi 2/6 ngalonyaka kulowomandla.

U TUPA anyana ka Nqwiliso owayebetwe ngumbane ubhubhe ngeveki egqitileyo.

SIVUYISWA kunene kukuva ukuba intlanganiso yamaweta ebiziseve e Komani ngo 1 March, izimisele ukuvota u Mr. Hughes, ngolwesi-Bini Iweveki ezayo. Kulondawo!

KEKWAKO unyikimo lomhlaba ekuseni ko 26 February e Kokstad.

ZISINIKE imihlali ezokuba impi yakowetu emele elipantsi ko Blayi izimisele entlanganisweni ukuvota u Yuzi ngolu lwesi-Bini luzayo.

U MR. BLAINE ungenise isaziso kwelanamhla esichaza amabala ake, ati makamkelwe ngenx' enawo

Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE, MARCH 7, 1889.

IMFUNDISO YE NTOMBI.

UMSEBENZI ohanjiswa sikula sentombi sase Lovedale, awukolisi ngakuvakala ngokuti wonganyelwe ngowesikolo samadodana. Esinye isizatu singaba kukuba ixa eli lonke abantu bebengayazele nto imfundiso ye- ntombi. Imfundiso yomtinjana ngoku yeyona ngxoxo inkulu kwelama Ngesi, yaye ibangwa kukuba amasoka ase England kubonakala ukuba angxamele intombi zase Amerika ayazinxwema ezase England, ngokudela ingqeqesho entweni zendlu, nezipatelele ekwenzeni ikaya mmandi, —ukukululeka, ukupapama, uchayito, kumntu ekwazi ukucokisa indlu nokupeka. Njengokuba in gen we nje lengxoxo tina siyakolwa. Indawo yomfazi endlwini iyenkulu kunene. Ayi- gqitwa nayindawo yendoda. Intlalo-mnandi yendlu iijinga pezu komfazi, kwanjengokuba intlalo embi nesitukutezi endlwini ipumle pezu kwake Zaye zininzi izindlu zolutha lwakowetu engezihleli ngoyolo ukuba abafazi bebeqeqeshelwe ekwazini into ezenza intlalo yabathatlelyo mmandi; kanti ngenxa yokulambata kwale- ngqeqesho zininzi izindlu zempi entsha ezingati zitshazile, zishwatyulwe.

Kwasebunyameni ibiti ikula into- mbi ibe ifundiswa ngento zentlalo emzini ngunina namankazana akowayo; elixa oyindodana abetyelwa ngamadoda amacebo okuxelenga isonka. Ngokungabiko namhla kwemfundiso yolohlobo impi entsha yonakalelwe yintlalo. Yiyo lonto ungfafika ihabilisaka zabanye zazal'umoya, yonda nge Ligwa. Kungezizatu esiyibekele ixabiso elikulu imfundiso yomtinjana. Kwingxelo yesikula sase Dikeni sentombi sifumene usizi sakufumana ukuba intombi zihanjiswa kwa- kumgaqo wemfundiso yamadodana — kujongwe kupela ekubeni zipumelele kwiziqibi zemfundo yencwadi nakwi mviwo ze Titshala. Sipaula ngodano ukuba into ezinje ngokulungiswa, ukucokiswa kwempahla yendlu; ukwenza intlalo yendlu myoli; kwanokupeka aziko pakati kwento ezifundiswayo. Kwi 122 yentombi ezibe zifunda kona ngo

U DR. NEMBULA, ubuye wetnka e Lovedale ngokuti amiselwe ukuba abe ligqira lakomkulu loniandla wase Msinga, e Natal. Uyakuba ligqira kwakona le hospital eyakelwa abantsundu kulowomandla. Elibakala litatyatwe ngu Rulumeni wase Natal kulomcimbi, lalata ukuba imfundo isisitshixo sendawo zamawonga esiya kuvulela nati bamnya- ma apa kwa Rulumeni. Singa umfo ka Nembula angayimela njengendoda lendawo, abonise ukuba nati singabantu.

U MR. G. GRAY, okwapambi komzi ngoluvoto lwendlu ye Ngwevu, usicela ukuba simcelele uxolo kumzi ontundu ukuba engabanga natuba lokuhlangana nawo, ukuxoxa ngento zombuso pambi kokuba kuyotwe. Uti ubenomnqweno wokwenjenjalo, suka ingozi emhleleyo yatsho lamy. Siyakolwa ukuba ayakumxolela analawetu ngendawo yokuba angabinantlanganiso nawo.

SIFUMENE lencwadi evela e Transkei: Intlanganiso yo Manyano lwaba Ntsundu (Transkei) ibihlangene nge 2 March, kwa Nomaheya, izimisele ukuba yovotela u Mr. Hughes; kwano Captain Feltnan utumele ku Mhlali-ngapambili wale ntlanganiso ukuba nabo e Gcuwa bazimisele ngokunjalo. Yagqiba ukuba u Manyano maluhlangane kanc nonyaka ngamaxsha e bolide, ngokwenjengalo iti akoko tuba lokuxoxa ngo-Mgqibelo. Fyoti ke iqale kwa ngale ka April i holide, nge 2 ka April, ngolwesi-Bini ecaveni."

INTEANOANISO ka Mr. G. Blaine nempyi yabavoti yase Burnshill, yabayeshushu kunene. Imbangi yasuka yaqata imibuzo. Yiyo eminye kwesiyitunyelweyo ngumbhaleli:—u Mankayi into ka Nciza, yatakazela into ka Mr. Blaine yati isitsho yayisiti kawutsho mfo wase Gqunube izinto ezine ozi kankanyileyo kum zisenecasa. Ewe ke sisavuma. Kanene wena wawuke waya e Palamente ngapambili? Mr. Blaine — Ewe. Mankayi—Ngexesha lo Saul Solomon no Aluven'i ubukona? Mr. Blaine: —Ewe nge loxesha. Mankayi:—Ubuvana nabo ke? (Kwabonakala ukuba indoda iyandibaza). Mankayi: Utini ngotshiso lwenkomo, nango kuhlutwakwe inipu? Mr. Blaine: Hayi utshiso lwe nkomo, ewe asivuti endandiyitanda nakuba yayite yenziwa. M: Impu? B: Yina! asikuko nakuba lento yalemipu iyandicapukisa, inalunge- loyantonomalemipukuninisoloko minana nifundekele ngayo? andinge katali nabo noku ba ite yonke yaya e Jericho. [Intlanganiso: Yini! Yini!! Yini !! Yiyipi le ayitayato Mankayi: Wena okwako ukulipi icala, Hko elakwa Sprigg, liko elakwa Scanlen? Mr. Blaine: Oh manditi ndilunge kwelakwa Sprigg, kuba nguye ngoku onamandla elululweni; kodwa nxa enza imiteto engalungileyo andiyi kumlandela. Kodwa nangu Mr sprigg, Yabonani, ndinyanisele angati epumile u SpHgg ekulaleni asingeze sibuye sifumane ndoda imgitgati ngokulunga. Wati akutsho u Mr. Blaine waba uyayindulula intlanganiso. Amanye amadoda atata iminqwazi apuma. Aye amanye esiti: " Sewuzihlelele kwa wena asisenanto nawe." Kwasuka ke mntundini kwati nxwe endlwini apa into zo Mpondzo nezo Majiza nezo Sidzatan. Kute emzuzwini yabonakala ingwevu yase Gqunube ngati seyite fixi yati isihgisa kumfo ka Sidzatan, " Asikuko nokuba wena kwalunga ungabanga nguye umfundisi; kubonakala ukuba ubunguye namhlanje ubuya kushuniyela into ongayaziyo." Kwasuka kwahlekwa ngamadoda ati j "Oh lomfo selezibonisa into ayakuba yiyo e Palamente, ze singake sifumane simnike ivoti zetu, uko tina u Yuzi." Suka kwesosituba sabona indoda seyitata umngqazi isiti, "Hayi ndanele, Bota ke seudisiya kwa Qoboqobo." Yaba iyapela intlanganiso. Umntu kupela ungfafika " esiti owase Burnshill: ! Ehlangene nati nje tina Mkubiso uya kumka ekolwe yeyokosa. Tina asiyo Necemera yona ite lepakati ngenxa yokufutana amahog akwa Sipilingane. U Rubusana io wasindisa ivoti zabo bengavumi ukumlandela nje, lihlozo ukuba kuti ngenxa yokuhluta kwesivno esinye, kufe isizwe sonke. Bota Mhleli. I Ndim u, XULASHE-

IKAYA LABA NTSUNDU.

Ndiyibalulela eli Kaya Labantsundu, Ndibe njalo ndibulel' ubuko balo. Lingwenelwa ngabaninzi ukuhlala Lihleli, lingumnquba, kwane Kaya Kwindwadube, namanene akowetu, Ndingomnye onga linga puhla. 'Kaubone ezindonga ngama Botwe ! Namhla asizoviki zili kaya ; Kanti ibizindonga zase mzini. Mawuncame umwewe nomqolomba, Lixhale inqungqala no ngupantsi, Namhla sine Kaya Labantsundu. Ayinene amawzi esanuse sama Jodi, Nalwatete mna ngawe Xiniwe : Usivumbulele imitoibno elubala, Nentlaugo wayenza amatende amanzi; Onxaniweyo makasele na! Ikaya. Nga yintoni engeko kweli Kaya? Ulonwabo, upumlo, nokuyola, Umhambi uhlangana nazo esangena. Kwaya, kwaya, sada sangabantu, Edolopini sane Kaya Labantsundu ! 'Kambe, danke Somandla ngo Xiniwe. Pumza mhambi umzimba kweli Kaya, Udiniwe wona ngamatsili elilizwe : Lenze ngoko eli Kaya intliziyo yako Ukuba ibe nolangazelelo ngemfanelo Zokuba, akwaba upumtumo wako Ungaze upumle nawo kwi Kaya lapezulu.

M. K. M.

ABAXHASI BE "MVO "

Imali esizamkele ngo February 1889, nanzo Bizidwelise ngabaninzo. Ningadinwa nangomso litsho eletu :—Revs Jacob Boom, Jno Nobanda, Messrs Chas V Kunene, J. J. Irvine & Co, John Skosana, Neil Dubasi, Harry F Mtomheni, Jonas B Nama, John Magaba, W M Ndulana, W B Jojozi, W 8 Sondlo, Philemon Sototo, James Jeremiah, Philip Rozani, J Z Nomana, Thos Mnika, Numbers Bovana, Thos Mnyarnana, Solomon Madevu, B G Sinuka, Jas Kraai, Thos Makohliso, James Ncapayi, Miss Elsie G Yake, Messrs Herman Myoli, K B Ngxiki, Buyapi Ncapo, Miss M W Hope, Messrs Philip Mayeza, John Delman, R Kusse, Joseph Jonqo, Thos Ntisana, Booi Mtani, L J Gamanda, Mrs. Robt J Mbikwana, Messrs Petros Kawa, John Mtila, Kcbus Mpondo, Ntsabo Ntanda, Solomon Ndzimela, Enoch Hlangabeza, Edward Mtyapi, David Laing Zani, Sami J Mbanjwa, Walter Yiba, Thos Ngcoza, W F Xatasi, Sami W Gxmisa, Klaas Tufa, David Matsolo, Booy Xiya, J P Hannie, Solomon Baba, Faku S Soped, Dyer & Dyer, (adv) T N Dyer, Elijah Zazini (adv), Silas S Mhlabi, John Bull, Mrs Jacob Belle, Rev Sami Sihunu, Thos Makohliso, Mameli Mabandla, Philip Tshabalala, Jous Meyezwa, Miss Jonga, Messrs Stephen Makubalo, Geo Little, Simeon Gawe, H Bottle, WB Chalmers, C C & R M, E B Koti (adv), P Nightingale (Insp C CJ, J M Orpen, MLA, Stephen John Giddie, Sampi Madikwa, Zeecheus Landa, Luke Damane, Barnabas B Hlati, Rev S Magawu, Messrs John Gabs, H Mashiyi, Rev ! Jacob Maneli, Thos Hlopeni, Chief Ebenezer S Mhlambiso, Messrs M Kinass, Archet N Mtile, W J Warren, MLA, Rev C Bekwa, Messrs Michael Tutu, R Christian, Nisini Mbambani, Henry Hina, J W Somtunzi, Moses D Folev, J Mlandu, W J Hughes, Tom M Mshweshwe, Enoch , Rhayi, Griffith M Soniana.

Ibala la Badlali

ETHIOPIAN C.C. vs. ARABIAN STAR C.C.

Nge 9th February kwaqubisana ezi Club zingentla pesheya kwe eweba e , Masilamsini. Kuqale kwangenk i Arabian Star akwayi lungela kanye ngenxa yokungadaleki kwebhola zo Messrs. Ross and Makwena apuma ue 23. Wada weza isimanga u Makwena kwi 2nd Innings kwi over yake yokuqibela pambi kwexesha lokuyeka umdlalo, wabhola ibhola zane, kwaye kusifa umntu kupela, yaba yeyokugqihela yodwa engapumanga namn' u. Kwapuma 6 for 12 runs. Yangena i Ethiopian yawa-" leqa Amasilamsi aroza emva kwebhola azinxekexeke, avakala esiti namhlanje kutei latamadoda akasiniki xesha aqumba. Ati ukuze ndiqonde ukuba lamadoda axabene, ati lamadoda abetayo azi wickets lisuke i Silamsi seli salata kuye, kufuneki indoda ibaleke iliso lingasemva ukuze ingeva ngebhola selisitsho omhlanga. Amadoda asidula ndingaqondi. Yapuma i Ethiopian C.C. yenze 97.

ARABIAN STAR C. C.

K. Mallick e. Swana b. Makwena 1, G. Dappie e Makwena b Makwena 0. A. Jackson e Makwena b Makwena 1, Lal lie e Sout b Makwena 2, J. Adams e Sout b Ross 4, S. Mallick e Lwana b Makwena 0, G. Ismiel run out b Makwena 2. Jardin run out b Makwena 1, G. Adams e Mzamo b Makwena 1, S Abdol not out 4, Marirdein e Mzamo b Makwena 4, Extras 3. Total 23.

ETHIOPIAN C.C.

R. Christian e Dappie b Adams 22 G. Sout b Lallie 0, J. D. Mzamo run out L F. Makwena e Abdol b Ismiel 2 A. Matakane b Lallie 8, Geo. A. Ross e Adams b Ismiel 21, K Tshona e Jordan b Masierdien 16, H. Pezisa e Abdol b Ismiel 1 R. Hlati run out 8, S. Lwana b Ismiel o' R. Y'ekelenotout 1. Extras 17. Total 97

Siva ukuba bekuko intlanganiso ze Committee e Bhayi ngabadih' bebhola abantsundu bokwela. Kwanvulwa lamagama:— Rev. J. W. Gawler (Capt) G. A. Ross, F. Makwena, R. Christian, e Bhayi; Ngunembe, Bopi, Seti no Xiniwe, e Qonce; Niekerk e Cradock; I J Mzamo, Uitenhage; W. Mzamo Natal- abangapandle, Pezisa no Bali ' .

*** Kula magama asiboni mntu uvi wicket keeper kanti iya funeka kaknu, yindawo yokuba ikangelwe yi Kornill I Mapikela ose Rini (Kafir Colledge) yi wicket keeper esaya kuvakala

*** I team yomelele ngase kubholeni noko singena kutsho e bhadini. Sike sabona into embi umtyutyumezo omnye wama qakamba efunyenwe ngu Briggs no Mr. Smith kuleveki ipelileyo. Azalumeke lamadoda singabi seso. Kufuneka e practisile engafeketanga. La ma C M.R. adliwe ngoluhlobo, ayadlala angati etelekisewe nalamagama anyulweyo, mhlaumbi adliwe.

*** Kusalindwe incwadi eya ku vela Pesheya, yemvumelwano ngendlela zokuwela, zeke kuqiniseke oko kuwela, nexesha.

*** U Major Warton ubedlala e Rini ngolwesi- Ne, Hlanu, no Mgqibelo i Rini lenza 96 ngengeno lokuqala. Amapesheya 256, u Abel wangena kuqala bapela bonke abakowabo engafanga wagalela 126, elite i Rini ngo Advocate Tamplin lambhasela nge £10. Saposwa kukumbona edlala lomntu eli centsu pofu. lapinda i Rini le tshuq nge 106. Laba liya dliwa zincolobela ze "Meja" nge Innings and 54 runs. *

*** " Kude ebhakubha! elikaba le Meja liya qakaza ngoku. Kutiva lifungele i Kimberley apo latiywa kabaki. Nawe match ndini ye South African XI e Bhayi wokuqonde.

*** UMIJELO WE JAJI ZASE DAYIMANI.— Kudalwe ngalonyaka Umjikele omtsha oya kumanjwa zi Jaji zase Kimberley. Yohlala kwezindawo, ngesimini i Jaji Hopetown, ugo Mvulo, 18 March; Richmond, ngolwesi-Tatu, —0 March; Victoria Vest, ngo-Mgqi- belo, 23 March ; Colesberg, ngolwesi-Bini, 26 March; Cradock, ngolwesi-Hlanu, 29 March.

M. K. M.

EZABABHALELI.

UNYULO OLUZAYO.

MHLELI.—Nam ndiyifumene incwadi ka Mr. Blaine, neka Mr. King, esicela ukuba ndize ndivotele u Mr Blaine. Kekaloku malunga neka Mr King incwadi manditi ayizifikeleli ezona ndawo ziyintloko ezimalunga neloxesha lemfazwe ka Ngeyacebibi ezezezi, (1) kanene lalisitini izwi lika Mr. Blaine ngokupangwa komhlaba wakwa Ngqika nako ndilele? (2) Kanene yena watini ngokupangwa kwempu nakubantu ababencidisa u Rulumeni? Namhla esiya nje e Palamente uyakuncedisa iqela elatini malunga nalembuzo mibini? Malunga nokungeniswa koxolo, ndiba ikoranti zabantsundu zambhala kwa oko ke namhla sisayibulela londawo. Kodwa sifuma ete lysisigitisa wasizisa enkolazwe. Ndicela , ukuba asikauzelele kuba usuku lokuyiva lukufupi. Ngeka Mr King incwadi ndingati yona ifana newecadi zababantu bakolwa ukuba tina bantundu siqutywa njenge gusha ukuya evotini. Uti yena u Mr King eyona ndoda ngu Mr. Blaine; atsho angaroli noko sisinye isizatu sokusiqondisa; atsho esazi ukuba emaguguleni abo apo boyisana kona ngomtu oyena bamnyulayo ababizi bani kuti. Kanti ke nokuba siyanosisa siyaonga kona ub.ucinga, kobobufutshane bengeniga zetu singa singasuswa ngamazwi abonisa ngezizatu, kungasuke kutunyelwe imiyalezo njengokungati kutetwa nabantwana. Into eyakusinceda kukuba amadoda anjengo Mr. King abatelekise abantu babampi kwetu, asixelele ukuba'omnye simahlle ngezizatu ezizetazi. Uze ke nawa ka King ukaulezise ukuba uyakolwa ukuba siyacinga; uze upendule nokuba wena ungaba uzidlele ingcinga zetu.

M.

ITYALIKE NE COFFEE SHOP.

MR. EDITOR,—Nge "Nkomfa" egqitileyo eyayilapa e Qonce ndifumana ukuba ukumiswa kwe " Kofu-tshapu " esizeni se, napambi kwendlu ye tyalike kwatelelwa ngeudawo yokuba i kofu iyafuneka ebantwini, nokuba ngokuba ko kwayo ngase tyalikeni—ngokungati ayiko kwezinye indawo—abantu baya kutanda yona bayeke utywala (brandy). Azi inyano yalonto ipina? Yamiswa ke ngamandla 6 mfundisi owayeyimele ngobushushu obukulu, noko iramente yayi chasile, ngoku sibona kusakiwa izitali kwase baleni lendlu ye tyalike. Andiyazi into enganqandayo ukuba kungaqokelwa ngokumiswa i nkanti. Kona ke ukuba isibonakalo besiyifanele indlu ka Tixo, nemiteto yobu Wesile iyumelana nemto enje, indawo iya kuba pina yokwakiwa kwendlu ye Sikula se ntsapo? kuba indlu ye Cawa ayisakuhlala ikwa yindlu ye skula. Lento ingumbuzo ofanelekileyo ukuba wenziwe kwi "Nkomfa" eya kuba se Bhayi. Undixolele ngesi situba Mr. Editor.

Ndingu,

MWESILE.

KU MR. J. PELEM.

J. NKOSI, MHLELI, wepepa—Kaundifakele lemigcanga. Inteto ka Mr Jas. Pelem, ndayiva kwamandi encomba abantu esiti tina abasiveli kanye, babuyisela umhlaba Nkosi Matanzima, ivoti yetu yalwelwa utungumlo emsi abahlabo abasiti ngabo ngabona ntshaba zetu. 2. Mr. James Pelem ihlelinje kunjulona, yinina ukuba kude kungabisaziwa siti ukuba ezitshilho zetu zacita umzi ka Tato i Glen Grey, amagama asaweza ngani Batembu ukuba acite umzi ka Tato, ngala uti akwangawo awaba nobnhlobo, kwenye intlanganiso yabantu abalungileyo, abamhlope, ndandiko mina. 3. Lamagama uwaxela ubulungisa, akanconywa lamagama uti afidusa aba Tembu, andiwevanga ewe mhlaimbi kungabanjalo, into ipela e Palamente ngevoti, ngokuba likwele. Mr. J. Pelem, mnumzutu, akwaba waka wazibona izidumbu zakwa Ngqwan, amadoda afa engenamipyo esandleni, afa njengabafazi, lomteto owasayina igama lake ukuze ubanjiswe, ngubani intloko yamadoda, kulungile ngamacala omabini njegokutsho kwako. Mna andikukanyezi, elinye icala lingo Rulumeni, una-ntonina ukuba ugadamansi aba bati bazihlobo zetu ezenza ubulungisa, kupele lamagama ama Sikanleni nama Sipiligi, nditi elicala likulu lingeinwe, ngesekako into embi efana nemipu kuti.

J. F. MAZAMBA.

Transkei, February 20, 1889.

UMANYANO NGE MFUNDO.

NKOSI MHLELI,—Olumanyano lungasentla lugqibele ukudibana e Debe, kwa Marcla. Kwingxoxo ebezipetwe ngamalungu abekelileyo alentlanganiso kubeko naleyo yo titshala naba pati babo. Ndiqonde ukuba lomcimbi ubemkulu nge- ngokude uyisidne intlanganiso. Emva kwempicotot yawo, amalungu abekelileyo alentlanganiso abonakele ewusinduzela kwintlanganiso yase Nzukwebe. Manditi andiboni ba pakati kwalo ngxoxo. Ititshala zikala ngokupatwa kakubi kwindawo ezisebenza kuzo. Ewe lonto ingabanjalo; kodwa asindawo yotitshala ukuya kuvala amazibuko, njengokungati ngabo abonayo. Mabahlale bona njengangapambili, abasakuba nanto. Bayazi ukuba izikula ezi zonganyelwe ngu Dr Dale; ngoko bangasuke bati mhlanga lowo badlelwa indlala bacotele eloxeko kulunge ke. Andipiki kudlelwandlala kotitshala ngabapati babo; into endiyimangalayo kusenziwa komteto okoyo kakade. Ndisicaka sena esingu

A. M.

I BODI E MGWALL.

Yinina betu ulukuhlelwa ntonina umzi? Kuvakala ukuba u Mantyi wase Cumakala ubeselele yawa kuba se Mgwalli, eya kwahlala ingxabau yalowo mti ngomteto we Bodi. Asuka amadoda atile, angamaninzi pofu, awuchasa, ngenxa yokuzeka abone ukuba akasayi kunyulwa ukuba abe ngamalungu e Bodi leyo, aselesuka ezama ukulenga- lengisa onomanyama-nyama bokoyikisa umzi. 'Ndingati u Mantyi uhlab' ekangele xa ate Ningavuvumti nje lomteto nia kuzisola kwakamsinya." Ubunga lomzi ungayisa inyawo zombini uvote wona ngolusuku lumisiveyo. Kuya kunyulwa amalungu amatatatu kupela. Pambili ke mabandl' akowetu ! Ndingu,

BON' EKUDE,

Amanqaku.

UKUBOTSHWA KWAMAXONYA.

Kawusifakele nati ezetu indaba kwelopepa, siqube okwetu ukunqonda; noko zikoyo izoyikiso ezibekiswa enkosini u Mr. Mhalla akuba enze njengokunqonda kwake, ndoti ndindatele entetweni yomfundisi u Mr. Makiwane namhla yodwa—

1. Uti kuqala umfundisi wati u Nkanunu ulelikulu ixoki nomlahlekisi, atsho ati lamazwi umfo lowo uwatete shushu kakulu ke, manditi ke nobanina pakati koluntu ebengathoyo, manxa alindele ukuyalwa ngumfundisi, ati endaweni yoko afumane ukuchaswa nokudlelwa njenge nqakamba lincinqina lobufundisi unjalo umfundisi kwimici-mbi yombuso ngoku kodwa ande ati yena ngokwake ayifake emapepeni lento imbi kangaka indawo yotywala. kude kweyokusikwa kwamagama, ndizipe—aidula njengeyo kuqala, umfundisi aku- fanelekile ukuti ekwahlukaneni kwabantu andate elinye icala makakupe ivoti yake alumke kodwa ukuteta esidhlangalaleni

2. Amatengwa.—Mandiqale ngamazwi ake kamnye uti wati u Nkanunu mandirole amagama abo bati bayakoloba; *impundulo*— Into leyo endingayi kuyenza utsho umfundisi ngowake umlomo kuqale ke kuqondakale ukuba ngu qa- shiqashi ke kwesosituba. anditshondingapiki kanjalo kodwa nantsi into enditeta yona umfundisi uxelelwe ngabakolobi, u Nkanunu ufuna lomagama, yinqaba akaxelwa; ngoko ke kubonakala ukuba yinqike ute isiroro sake wasikupa ngomlomo wake akanela koko ngoku usibhala emapepeni uti ke wena mfundi ukuba ababantu abatengwanga yinene, banako na ukupinda bamtemba na? uncamile. Mandiyeke sicaka se Nkosi yam

(b) Siti manxa sitetayo—obawo bati umlungu akuteta ukupendula Siyabulela bawo, Ati Ama Bhulu ivoti yabantsundu ayilunganga kuba baqutywa nje nge gusha kuyabonakala ukuba nabifundileyo baya kuba njalo ngokoyika lama ngama babizwa ngawo aboyiswe zizimyo zabo, endaweni yokunqodiswa ati esiti ewe kube sekungeko tshiyelela ukuba ngala magama.—ikencezi, ontamnani, Amatengwa, kunnye neli linikwa u Mr. Joseph Telle ayakuwungqokeza pakati umzi ontsunau unapakade, kuba ivonke umntu uzalwa nabanye enezilingane eziya kumvela kwakwenjwanje ukutetwa ngaye.

(c) Ndinga ukuba kulunge ngapezulu ukuba inklanganiso yabantsundu icela u Mr. Mhalla neqela lake ukuba barole izizatu zabo eziboyisileyo ukuze bavote kwicala lika Nkanunu endaweni yokuba abhengezwe, pambi kokuba nive inyaniso zake nomongo abambebele kuwo niluleke ukuba kuko isiposiso njengabatandi bohlanga lweni, nibe ke ngoku nibhala izizatu zake kunye nesigqibo senu ukuze akwazi okude ukufumana inyaniso kunye nokugweba umposisi kuba umfo wase mzini wokolwa sakuba sesi singxoloxolo efuna lonto nje yena ukutsho ke andidele Mr. Mhalla kuba enge nguye onqale ukubhala emapepeni ngani.

